COOKHOUSE WINDFARM

Q1 2023

ISIGIDIMI SEENDABA

liMbasa zokuPhumelela **iMatriki emaGqabini**

Sixhase ngemali umsitho weeMbasa zokuPhumelela iMatriki emaGqabini kwisiKolo samaBanga aPhezulu iAeroville eSomerset East, kuqatshelwa ukuphumelela emagqabini kwabafundi abathathu abankqenkqeza phambili.

UGabriel Bosman, uAphelele Moos, kunye noAsindisiwe Simayile ngamnye kubo uwongwe ngelaptop ngeenzame zakhe ezibonakalayo kumsitho owawuzinyaswe ngabafundi, ootitshala, kunye neBhodi eLawulayo yesiKolo.

UGabriel ubhalise izifundo zakhe kwinkqubo yesiDanga sezeMfundo kwiYunivesithi yaseNelson Mandela), ngelixa uAphelele esenza isiDanga seArts kwakwelo ziko. UAsindisiwe, yena ongakhange akwazi ukuzimasa umsitho lowo ngenxa yokuxakeka lubhaliso eyunivesithi, uqalise izifundo zakhe eYunivesithi yaseRhodes.

ULifa Baskiti, oyi-CLO yaseCookhouse Wind Farm, ugxininise ukubaluleka kokuqondwa nokukhuthaza impumelelo kulutsha oluphumelele emagqabini, esithi, "Abantwana kufuneka bakhuthazwe nanini na beqhuba kakuhle, kwaye ke ngoko siqonde ukuba kufanelekile ukuba kuxhaswe ngemali eli linge ngethemba lokuba abo babashiya ngasemva baza kuthabatha umzekelo koontanga babo baze benze kwanjalo nabo."

UMphathi weKlinikhi engumaHamba neNdlwana – **uPhumlani George**

UPhumlani George, oFundele ubuNesi nokwanguMphathi weKlinikhi engumaHamba neNdlwana, uphawule malunga namava akhe eenyanga ezili-16 kumsebenzi wakhe, ukunika ukhathalelompilo lokuqala kubahlali kwiifama zasezilalini.

Asakubuzwa malunga namava akhe, uPhumlani uphawule ngokuthi, "Ixesha lam ndikule projekthi lindivule amehlo kubunzima abadibana nabo abahlali basezifama ukufikelela kukhathalelompilo lokuqala."

Ukhankanye kwakhona okuthe kwaqaqamba emsebenzini wakhe, esithi, **"Ukufika kwabasebenzi bomabonakude baseNisboere TV ukuza kuqhuba udliwanondlebe nam, ndaziva ndinebhongo ngomsebenzi wam. Oku kwathetha ukuba le projekthi ndiyinxenye yayo ixabisekile."**

Ukuphetha, wathi abahlali bayazibulela iinkonzo zabo, akusafuneki ngoku ukuba baye kwiiklinikhi zaselokishini, okuthi kube ziindleko zemali kubo.

INkqubo yeNkxasomali yokuFunda – **UkuThathwa kwabaQalayo**

Uxanduva lwethu kwezemfundo luyabonakala ngeNkqubo yeNkxasomali yokuFunda yethu, ethe kutshanje yamkela abafundi abathathu abaphumelele emagqabini bezikolo zengingqi.

UKesha De Klerk, uElfreda Gelderbloem, kunye noAnelisa Menziwa kwaqhutywa udliwanondlebe nabo ngokuyimpumelelo kwaye bexhotyiswa ngolwazi nangezakhono yiZakwantu Projects and Services, umnikinkonzo wewind farm kwiOfisi yasekuHlaleni. Amanina asematsha aqhuba izifundo zezeNtlalontle, zoBongikazi, kunye nezokuFundisa.

ULifa Baskiti, i-CLO yaseCookhouse Wind Farm, wagxininisa ngokuzinikela kwenkampani kwimfundo, esithi, "Kwilizwe elinje ngeli lethu, ixabiso lemfundo alinakubabazwa. Inkampani yethu inqwenela ukudlala indima yayo ekwenzeni uphawu kumazinga anyukayo entswelangqesho nendlala. Eyona ndlela yokuqinisekisa oku kungemfundo."

IProjekthi yoMatshini wokuThengisa iziKhuseli zabaBhinqileyo **xa beseXesheni**

Ngokubambisene neMENstruation Foundation, sixhase ngemali oomatshini bokuthengisa izikhuseli zababhinqileyo xa besexesheni kwizikolo zaseMpuma Koloni ezikude nombindidolophu.

Njengenxenye yeli linge, oomatshini bokuthengisa izikhuseli zababhinqileyo xa besexesheni babekwe kwizikolo ezisibhozo ezingabaxhamli, apho ziza kustokhwa khona rhoqo ngenyanga ukuqiniseka ukuba kukho isitokhwe esaneleyo ukulungiselela izidingo zabafundi abangamantombazana abangaphezulu kwama-2 000, unyaka wonke. Iithokheni zokufumana izikhuseli zababhinqileyo xa besexesheni ziyanikezelwa ezikolweni, ngaphandle kwentlawulo.

"Eli linge libancede kakhulu abafundi bethu kwaye kuyavakala ukuba isidima sabo sivuselelekile. Likwaphucule kwakhona nezinga lokuhamba isikolo kwabafundi kuba abanye babo bebengayi esikolweni ngenxa yokuba bengenazo izikhuseli zababhinqileyo xa besexesheni," **utshilo uMnu J Snyers, iNqununu yesiKolo samaBanga aPhezulu iAeroville, eSomerset East.**

2023 IINDIBANO ZOLUNTU **EZIZAYO**

Linkcukacha malunga neendibano ezizayo ziza kuncanyatheliswa kwiibhodi zezaziso zoluntu.

UCAZULULOU IWENKCITHOMALI **YEKOTA**



NXULUMANA **NATHI**

12 Main Road Cookhouse

Ngeyure zokusebenza: 08:30 -17:00

Umnxeba: +27 42 247 2961

UMncedisi weMisebenzi yoLuntu | Adelicia Horne

Adalicia.horne@cookhousewind.co.za

Igosa lezoNxibelelwano loLuntu | Lifa Baskiti

lifa.baskiti@cookhousewind.co.za